**IMIYALELO KUBAKOREKISHI**

Ukorekisho lovavanyo lokuqonda lumi ngolu hlobo:

- Ngenxa yokuba kugxininiswa ekufundeni ngokuqondayo, akufanelekanga ukuba upelo olugwenxa neemposiso zolwimi kwiimpendulo zinyityelwe amanqaku ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo yempendulo elindelekileyo. (Nangona kunjalo, kunyanzelekile ukuba iimposiso ezikhoyo ziqatshelwe ngokukrwelelwa).

- Kubaviwa abasebenzise amagama athatyathwe kolunye ulwimi ngobunjalo bawo, olungesiso isiXhosa, musa ukuwathathela ingqalelo lawo magama anjalo, kananjalo banganyityilelwa manqaku xa ngaba iimpendulo ezinikiweyo zinembadla. Nangona kunjalo, oku akuchaphazeli iimeko apho kusetyenziswe amagama akwisicatshulwa olunye ulwimi abhalwe ngobunjalo bawo.

- Kwimibuzo apho kulindeleke iimpendulo eziligama elinye aze umviwa anike isivakalisi esipheleleyo, kumakishwa ngokuchanekileyo impendulo elindelekileyo eligama elinye xa ngaba ikrwelelwe/igqanyisiwe
- Kulindeleke iimpendulo ezimbini/ezintathu, umviwa udwelise uluhlu lweempendulo ezininzi, makisha kuphela ezimbini/ezintathu zokuqala.

- Iilwimi zengingqi neziyelelani zesiXhosa zamkelekile.

- Kwimibuzo ekulindeleke ukuba umviwa akhethe impendulo echanekileyo, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE nempendulo echanekileyo ebhalwe ngokupheleleyo, iyamkeleka.

**UMBUZO 1: UVAVANYO LOKUQONDA**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 1.1 | D/zonke ezingentla | ✓ | (1) |
| 1.2 | Yinyanga apho uninzi lwabantu lufumana ithuba lokuba luhlale neentsapho zabo kuba lixesha leeholide | ✓ | (1) |
| 1.3 | Bazonwabisa ngokugqumzisa umculo ezimotweni/Ukusela utywala/Ukoja inyama/Ukungcemba neentombi. | ✓ | (1) |
| 1.4 | Kukungabikho kwezindlu zangasese. | ✓ | (1) |
| 1.5 | Kukuba bagqibe ukubhala iimviwo zabo zokuphela konyaka. | ✓ | (1) |
| 1.6 | U-Anele wacebisa ukuba makungaqujwa emva kokubona abahlobo aba ukuba batyile kakhulu. | ✓ | (1) |
| 1.7 | Batyile kakhulu | ✓ | (1) |
| 1.8 | Kuba iwele lakhe lamnqanda lancama. | ✓ | (1) |
| 1.9 | Kwafika amaza amakhulu awabangela ukuba u-Akhona angakwazi ukuba abuye umva eze ngaphandle. | ✓ | (1) |
| 1.10 | Abantu abaqeqeshelwe ukuhlangula babesele betshayisile. | ✓ | (1) |
| 1.11 | Impendulo yomfundi | ✓✓ | (2) |
| 1.12 | Ukubuya nelize. | ✓✓ | (2) |
| 1.13 | U-Anele ngumntu oyihoyileyo impilo yakhe kuba akaseli tywala kanti u-Akhona usela utywala.<br>(naluphi na uthelekiso oluchanekileyo) | ✓✓ | (2) |
| 1.14 | Impendulo yomfundi | ✓✓ | (2) |
| 1.15 | - Ndiyangqinelana, apho kukho utywala soloko kukho izatyityi.<br><br>- Andingqinelani, ayingabo bonke abantu abanxilayo abenza izinto ezitenxileyo xa benxilile.<br>(nayiphi na impendulo echanekileyo). | ✓✓ | (2) |
| 1.16 | Naluphi na uluvo oluxhasiweyo | ✓✓ | (2) |
| 1.17 | - Eli qhalo libhekise kumntu onenkani/ ongafuni kucetyiswa.<br><br>- Abafundi abalithathanga icebiso lika-Anele lokuba kungaqujwa kunxiliwe, inkani yabo ikhokhele kwintlekele yokumka kuka-Akhona nolwandle. | ✓<br><br>✓✓ | (3) |
| | | | **[25]** |

**UMBUZO 2: ISIBHENGEZO-NTENGISO**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 2.1 | C/ibhulukhwe | ✓ | (1) |
| 2.2 | Emantombazaneni | ✓ | (1) |
| 2.3 | KwaZiyafikeleleka | ✓ | (1) |
| 2.4 | “Umfaneleko wakho luxanduva lwethu” | ✓ | (1) |
| 2.5 | Kuthiwa usifumana xa zisekhona iimpahla. | ✓ | (1) |
| 2.6 | Leqa! | ✓ | (1) |
| 2.7 | Ukutsala umdla wabathengi/ukuba abathengi babone okuthengiswayo. | ✓ | (2) |
| 2.8 | Zikumaxabiso aphantsi kakhulu | ✓✓ | (2) |
| 2.9 | Kuthiwa amaxabiso eempahla ezithengiswa apha ayafikeleleka. | ✓✓ | (2) |
| 2.10 | **Ziluncedo** kuba zibonelela abathengi kula maxabiso ezinto axhomiley<br><br>**Azilulo uncedo** kuba umntu angazibona sele ethenge izinto ezingeyomfuneko<br><br>(Nayiphi na imbono exhasiweyo – nika inqaku imbono, uze unike amabini ukuxhasa.) | ✓<br>✓✓<br><br>✓<br>✓✓ | (3) |
| | | | **[15]** |

**UMBUZO 3: ISISHWANKATHELO**

**UCAPHULO**

Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:
Ulwabiwo-manqaku

o Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (inqaku ngengongoma nganye)
o Amanqaku ama-3 olwimi.

Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umlingwa esebenzise amazwi akhe:

o 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1 lolwimi.
o 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2 olwimi.
o 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3 olwimi.

Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umlingwa ecaphule:

o 6–7 iingongoma ezicatshulweyo: akunikezelwa manqaku olwimi.
o 1–5 iingongoma ezicatshulweyo: nikezela inqaku libe li-1 lolwimi.

| **UMHLATHI** |
|---|
| Vuma ukuba umoshile. Mchazele ukuba ulungile ngokukunqwaqwada yaye awurhaleli kuphinda umenze abe kule meko. Ukuba akafuni kuphulaphula ngoku, myeke. Xa esithi uhlala usitsho, vuma ungaxoxisani naye. Musa ukulila xa ungxoliswa. Yenza imisebenzi aqhele ukukunyanzela ukuba uyenze. Phulaphula kwaye ulandele imithetho ayibekileyo. |

**[10]**

## UMBUZO 4: UKUSETYENZISWA KWEMIGAQO YOLWIMI

| | | | |
|---|---|---|---|
| 4.1 | B/soqobo. | ✓ | (1) |
| 4.2 | Ukutyhafa/ukudinwa. | ✓ | (1) |
| 4.3 | Mnu. | ✓ | (1) |
| 4.4 | Ndaqala ukufunda xa iimviwo sezikufuphi. | ✓ | (1) |
| 4.5 | Kwakungena ubusika, **u**yalala | ✓ | (1) |
| 4.6 | Noko isengu**J**ulayi **lo**. | ✓<br>✓ | (2) |
| 4.7 | Isihlomelo sendawo | ✓ | (1) |
| 4.8 | Uviwo | ✓ | (1) |
| 4.9 | Niyayilibala into xa ndiyifunde kwangoko enyakeni. | ✓ | (1) |
| 4.10 | Funda ngamandla kwakufudumala. | ✓ | (1) |
| 4.11 | Sisimntwiso | ✓ | (1) |
| 4.12 | **Kuyalalwa** ngabafundi ukubuya kwabo nje ezifundwebi. | ✓✓ | (2) |
| 4.13 | Bazilungiselele ngokwaneleyo.<br>(Nayiphi na echanekileyo) | ✓ | (1) |
| 4.14 | Wonke **umsebenzi** okule nkampani kufanele atyikitye esi isivumelwano. | ✓✓ | (2) |
| 4.15 | - Ixesha lixhatshwe **yinja.**<br>- Ixesha liphelile. | ✓<br>✓✓ | (3) |
| | | | **[20]** |
| | **AMANQAKU EWONKE:** | | **70** |